

Inombolo yefayili: 20/3/6/1/Izaziso zethayimtheyibhile eziya ezikolweni
Isalathiso: 20240319-2629

ISetyhula: 0010/2024

Umhla wokuphelelwa: 21 Juni 2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlinkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundu eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundu eziziiNtloko kunye nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiumviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone neemviwo zeSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimtheyibhile yeemviwo zangoMeyi/Juni 2024 namalungiselelo eemviwo Satifikethi seMatriki sikaZwelone (NSC) nezeSatifikethi seMatriki (SC)*

Isihloko: Ithayimtheyibhile yeemviwo zangoMeyi/Juni 2024 namalungiselelo eemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone (NSC) nezeSatifikethi seMatriki (SC)

1. Kuqhotyoshelwe apha ikopi **yethayimtheyibhile yokugqibela** yeemviwo zeNSC nezeSC zangoMeyi/Juni 2024.
2. limviwo zeNSC nezeSC zangoMeyi/Juni 2024 ziya kuqala ngoMvulo, we-29 Apreli 2024 yaye zigqitywe ngoLwesine we-13 Juni 2024.
3. Ngenxa yesaziso esenziwe nguMongameli sonyulo jikelele olucwangciselwe ukuqhube ka ngoLwesithathu, we-29 Meyi 2024, akukho zimviwo ziya kubhalwa ngosuku olungaphambili nangosuku olusemva konyulo ukwenzela ukuba abaviwa bahambe ukuya kwiidolophu zamakhaya abo ukuya kuvota nokulungiselela imeko yezikolo eziya kusetyenziswa njengezitishi zokuvotela.
4. Abaviwa beNSC nabeSC baya kubhala uviwo olufanayo njengoko iluviwo olufana nolweNSC lwangoNovemba 2023 yaye zonke izifundo ezibhalwa ngoNovemba 2023 kuviwo lweNSC ziya kubhalwa ngoviwo lwangoMeyi/Juni 2024. Nakuba kunjalo, abaviwa beSC banokubhala kuphela izifundo ezibhalwe **ngokungqindilili nangokekelo (bold and italics)**.

5. Zimbini iiseshoni zoviwo ezicwangciselwe usuku ngalunye. Iseshoni yakusasa iya kuqala ngo-09:00 ize iseshoni yasemva kwemini iqale ngo-14:00.
6. Ithuba lokuyibhala kwakhona i-Computer Applications Technology and Information Technology liya kuba ngoLwesine we-13 Juni 2024, ngo-09:00.
7. Ngokuphathelele ekwamkelweni kwabaviwa kwigumbi loviwo, abagadi babaviwa mabaqinisekise ukuba umviwa ngamnye uveza ileta yokwamkelwa eluviweni yakhe **kunye** nesazisi. Mayinyanzeliswe ngokungqongqo le mfuno imiselweyo yokwamkelwa eluviweni. Kufuneka nokuba bakungqinisise ukuba umviwa usibhalisele isifundo/iphepha eliza kubhalwa.
8. Nakuba kunjalo, umviwa ongaluveziyo uxwebhu (ongawaveziyo amaxwebhu) phambi kokuba angene kwindawo yokubhalela uviwo **makangathintelwa** ekubhaleni olo viwo. **Umviwa ochaphazelekayo makaveze uxwebhu oluyimfuneko (amaxwebhu ayimfuneko) ngosuku olulandelayo.** Ukuba umviwa akakwenzi oko, emva koko makwaziswe oku njengesitenxo yaye kulandelwe inkqubo eqhelekileyo ephathelele kwizitenxo.
9. Umgadi wabaviwa oyintloko makaqinisekise ukuba abaviwa bangena kwindawo yokubhalela uviwo kwimizuzu eyi-30 phambi kwexesha lokuqalisa ngokusesikweni kxeseshoni yoviwo. Eli xesha malisetyenziswe ngolu hlobo lulandelayo:
 - 9.1 Imizuzu yokuqala eyi-20 yeseshoni nganye mayisetyenziselwe ukuhlalisa abaviwa kwizitulo ezichanekileyo zabo, ukuhanjiswa kwamaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo nokufundwa ngokuvakalayo kwemimiselo yoviwo.
 - 9.2 Abagadi babaviwa mabaqinisekise ukuba abaviwa abayi-30 abanolanduva lokubagada ngethuba leseshoni yokubhalwa koviwo abanayo kubo idivayisi engumatshini (enjengeselula) okanye nazo naziphi na izinto (*material*) ezingagunyaziswanga ezikubo. Kucetyiswa ukuba abagadi babaviwa abaziintloko babacele abaviwa basetshe iipokotho zabo nemikhono yabo abanokufaka kuzo ileta yabo yokwamkelwa eluviweni.
 - 9.3 Ngemizuzu elishumi eshiyekileyo, abaviwa **mabanikwe** ithuba **lokufunda** lonke iphepha lemibuzo. Abagadi babaviwa mabaqinisekise ukuba iphepha elikhutshelwe umviwa liyangqinelana nesifundo nephepha njengoko kuchaziwe kwileta yokwamkelwa eluviweni.
 - 9.4. Makungabikho kubhalwa okanye kwenziwa kweenowuthsi kuvumelekileyo ngale mizuzu iyi-30. Nakuphi na ukophulwa kwalo mgaqo kuya kuthathwa njengesitenxo.
 - 9.5. Abaviwa mabaggibe ukubhala ngexesha elibhalwe kwithayimtheyibhile yoviwo. Abagadi babaviwa mabaqale baqokelele yaye batshekishe iincwadi zeempendulo ezidesikeni zabaviwa babo abayi-30 abanolanduva lokubagada yaye banike abaviwa ithuba lokusayina irejista yokulawula iincwadi zeempendulo. Abagadi babaviwa mabaqinisekise wceldonline.westerncape.gov.za

ukuba lizaliswe ngokuchanekileyo ngabaviwa iphepha eliyikhava langaphezulu leencwadi zeempendulo zabo.

10. Amagosa angabameli abavela kwiSebe leMfundu leNtshona Koloni, ku-Umalusi nakwiSebe leMfundu esiSiseko bayo kubeka esweni iinkqubo zoviwo kumaziko okubhalela iimviwo.
11. Kucelwa nazise okukule setyhula bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iimviwo ze-NSC nezeSC zangoMeyi/Juni 2024 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS

INTLOKO YESEBE LEMFUNDU

UMHLA: 2024-03-26